URhulumente weNtshona Koloni
NGOWAKHO
EzeMfundo

ITshatha yoKwenziwa kweNkonzo
ISithili seMfundo i-South
Education District Office

Caring · Competence · Innovation · Accountability · Integrity · Responsiveness

Inkcazo yenjongo yethu
Kukuba umntwana ngamnye unamathuba emfundo esemgangathweni kwindawo esebenza kakuhle nekhuthazayo ukwenzela ukuba afumane ulwazi, ubuchule, izakhono neemfundiso ezisiseko ukuze aphumelele kwilizwe elinemingeni.

Umbono wethu
Ukuqinisekisa imfundo esemgangathweni–
- kumntwana ngamnye;
- kwiklasi nganye;
- nakwisikolo ngasinye kweli phondo.

ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) **liqaphele iindawo ezininzi eliya kugxila ngamandla kuzo nangezibonelelo (resources) zalo kwiminyaka embalwa ezayo**, likhokelwa yile miba iphambili ixhasa umgaqo-nkqubo:

1. Ukomeleza nokwandisa amathuba okufunda asemgangathweni ukwenzela ukufunda okuphuculiweyo.
2. Ukomeleza nokwandisa iindawo ezikhuthaza ukufunda
3. Ukomeleza ukusebenza nokubanoxanduva lokuphendula ngokuqhubekayo.
4. Ukomeleza nokuphucula ukuqhelana neendlela ezintsha zokwenza nokulungela imeko-bume etshintshayo.

Inkxaso kwiKharityhulam

Inkxaso kuBafundi

Isekethe zezithili

ULawulo nokuPhathwa kwazo

liNkonzo zeZiko

linkalo eziphambili ekugxilwe kuzo zizithili zemfundo zethu:
- ukuqinisekisa ukuba isikolo ngasinye siliziko elisebenzayo;
- ukuqinisekisa ukuba ukufundisa okusemgangathweni kuyaqhubeka kwiklasi nganye;
- namabhunga olawulo ancedisayo.

ISiseko sokuPhucula iNtsebenzo (imigangatho)
linkalo ezine zentsebenzo ezidweliswe ngezantsi zenza isiseko esomeleleyo esiya kusetyenziswa liSebe iWCED ukulinganisela intsebenzo yalo:
- Ukuphucula intsebenzo yomfundi kumaBakala 3, 6, 9 no-12.
- Ukuphucula ireyithi yokugcinwa kwamanani abafundi kwicandelo leMfundo noQeqsho oluQhubelekayo (amaBakala 10 ukuya ku-12).
- Ukuqinisekisa ukuba abafundi bayafikelela kwizifundo nakwizikolo zobugcisa (technical), kwezezolimo (agricultural), ezobuchule (vocational) nezezakhono (skills).
- Ukuqinisekisa ukuba izikolo ziziindawo zokufunda ezikhuselweyo nezikhusekileyo ngokungaphezulu.
  liNcwadana zeeNkcukacha zoQhagamshelwano noKufikelela zethu (iinkcukacha zoqhagamshelwano zabaphathi abakhulu, amacandelo, nee-yunithi zethu) neShedyuli yeMigangatho yeNkonzo (Service Standards Schedule) ziyafumaneka kwikhompyutha apha: **https://wcedonline.westerncape.gov.za/wced-services-access-schedule**

Imisebenzi yezithili zemfundo zethu
Ukulawula umgangatho wemfundo namaziko emfundo kwisithili ngale misebenzi ilandelayo:
- Ukuphuhlisa nokuxhasa amaziko emfundo ukuze kuqinisekiswe ukufundiswa kwekharityhulam esemgangathweni kwisekethe.
- Ukulawula isicwangciso senkqubo yesithili, ukwenziwa kwemisebenzi, iisistim zengcaciso, unxibelelwano, isicwangciso seziseko zophuhliso, ulawulo nokuphathwa kwezithili.
- Ulawulo, uququzelelo nokuxhasa ukufundiswa kwekharityhulam kwinqanaba leziko kusetyenziswa iisekethe.
- Ukunika inkxaso kubafundi kumaziko kusetyenziswa iisekethe, nokubandakanya iiprogram zemfundo eneemfuno ezizodwa nezempilo nempilo qete yabafundi .
- Ukwenza inkonzo yeziko ekwinqanaba lesithili.

Ukufikelela
Banako ukufikelela kwizakhiwo zethu abantu abakhubazekileyo.

IIMFUNDISO EZISISISEKO EZINGUNDOQO ZETHU
ISebe iWCED lizixabisile ezi mfundiso zisisiseko zilandelayo kwabelwana ngazo ezibonisa imigaqo kaBatho Pele njengemiqondiso yethemba esisikhokelo, ukulawula indlela esikuzondelela ngayo ukufezekisa umbono nenjongo yethu:

- **Ukukhathala** – Ukukhathalela abo sibenzela iinkonzo nabo sisebenza nabo
- **Ukusebenza ngobuchule** – Isakhono nobuchule bokwenza umsebenzi esiqeshelwe wona.
- **Ukuthwala uxanduva** – Sithwele uxanduva lokuphendula ngesikwenzayo.
- **Intembeko** – Ukunyaniseka nokwenza okulungileyo.
- **Ukwenza okutsha** – Ukuvumela iimbono ezintsha nokusombulula iingxaki ngobuchule nangokukhawulezileyo.
- **Ukusabela ngexesha elililo** – Ukwenzela abemi nabaqeshwa bethu iinkonzo.

Iiyure zomsebenzi: (iintsuku zeveki)
Abasebenzi abasezi-ofisini: 07:30–16:00

INdlela yokwenza isikhalazo (ifasilithi yokunika inkcazo ngokuqhubekayo)
Le yifasilithi yezikhalazo/yokuncoma yethu onokuthi ngayo ukwazi:
- ukuvakalisa ilizwi lombulelo ukuncoma umntu othile/iziko elithile elithe lakwenzela inkonzo eyanelisayo
- **ukuncoma** iSebe iWCED ngenkonzo elikwenzele yona;
- **ukukhalaza** ngokwenzelwa inkonzo ekumgangatho ophantsi;
okanye
- **ukufuna ukuba kulungiswe umonakalo** ngenxa yokuba isikhalazo besilityelwe, singakhange siqwalaselwe okanye sithathwe njengesingabalulekanga ngabasebenzi beSebe iWCED
- Isikhalazo ngasinye esibhalisiweyo siya kufumana impendulo ebhaliweyo kwiintsuku eziyi-14.

WCED Complaints Mechanism, Directorate: Communication, Private Bag X9114, Cape Town **https://wcedonline.westerncape.gov.za/give-us-your-feedback**

Iinkcukacha zoqhagamshelwano

Minister of Education	Head of Department	District Director
Private Bag X9161, Cape Town, 8000 2nd Floor, Vunani Chambers, 33 Church Street, Cape Town, 8001 Tel. no. 021 483 6574 Fax no. 021 425 5689	Private Bag X9114, Cape Town, 8000 Lower Loop Street, 1 North Wharf Square, Foreshore, Cape Town Tel. no. 021 467 2535 Fax no. 021 483 7658	Private Bag X2, Mitchells Plain, 7789 Lentegeur Hospital, AZ Berman Drive, Lentegeur, Mitchells Plain, 7785 Tel. no. 021 370 2005 Fax. no. 021 372 1856

Ingxelo yokuzibophelela yeGunya leSigqeba

Mna, Debbie Schäfer, ndibophelela isebe lam ukuba ngokungqinelana noMmiselo 37 weMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, 2016, epapashwe kwi-Government Gazette No. 10621 yowe-29 Julayi 2016, njengoko ifakelwe izilungiso, liyilandele mbo le tshatha yokwenziwa kwenkonzo.

UMphathiswa D Schäfer

13/12/2024
UMhla